**ISAHLUKO 1**
NGUBANI NA OLAWULAYO?.......3

**ISAHLUKO 2**
UTHIXO UYALAWULA.......5

**ISAHLUKO 3**
UTHIXO ULAWULA INDALO.......8

**ISAHLUKO 4**
UTHIXO UYABALAWULA ABANTU.......11

**ISAHLUKO 5**
UTHIXO WAKHA AMAKHOLWA.......14

**ISAHLUKO 6**
UYESU WAFELA BANINA?.......16

**ISAHLUKO 7**
UMOYA OYINGCWELE UFUMANA ABANTU BAKATHIXO.......19

**ISAHLUKO 8**
UTHIXO ULAWULA IMBALI.......22

**ISAHLUKO 9**
INTANDO YETHU ENENENI AYIKHULULEKANGA..25

**ISAHLUKO 10**
UBUNGANGAMSHA BUKATHIXO NEMITHANDAZO YETHU.......27

**ISAHLUKO 11**
AMALUNGELO OBUNGANGAMSHA BUKATHIXO30

**ISAHLUKO 12**
INDLELA EMASIZIPHATHE NGAYO NGOKU.......33

# ISAHLUKO 1

## NGUBANI NA OLAWULAYO?

Ndifuna ukunibuza umbuzo. Ngubani olawula okwenzekayo ehlabathini namhlanje? NguThixo, okanye nguSathana? Uninzi lwabantu lucinga ukuba uThixo unguKumkani wezulu; kodwa abayicingi into yokuba uThixo ulidale ngoKwakhe ihlabathi, bengayicingi nento yokuba uThixo ulawula yonke into ehlabathini. Abantu badla ngokucinga ukuba ihlabathi lihamba ngokomashini, ngokwemithetho yendalo. Abantu abaninzi bathi umntu unokusebenzisa intando yakhe ekhululekileyo ekwenzeni isigqibo ngoko makwenzeke kuye.

Makhe ndibuze umbuzo kwakhona. Ngubani olawula okwenzekayo ehlabathini? NguThixo na okanye nguSathana? Xa sikhangela okwenzekayo kungalula ukuba sicinge ukuba nguSathana olawulayo. Zininzi iziphithiphithi nesono ziya zisanda ngokwanda izinto ezimbi esizibonayo ezikhohlakeleyo. Siva ngeemfazwe novukelwano. Siyazi ukuba kukhulu ukungonwabi noyiko ehlabathini. INkosi, uYesu Krestu usasoloko engahoywanga, uninzi lwabantu lucinga ukuba ubuKrestu abunto yanto, nameKrestu n okwawo anayo loo ngqondo, athi naxa uThixo elangazelela kakhulu u ubasindisa abantu, angabinakho, ngokuba abantu bengamvumeli ukuba abasindise. Kusuke kube ngathi yonke into isibonisa ukuba uSathana nguye onamandla okulawula izinto ngaphezulu kukaThixo.

AmaKrestu akafanele kucinga ngolu hlobo. AmaKrestu awacingi ngezinganeko ngokohlobo azibona ngalo, koko bacinga ngazo ngokokholo. AmaKrestu akholwe koko uThixo akuthethileyo eBhayibhileni. IBhayibhile izixelile ezi zinto zenzekayo ehlabathini ukuba ziyakwenzeka. IBhayibhile iyixelile into yokuba liyeza ixesha lokuba uluntu lungawuthobeli umthetho negunya. Akummangalisi ngoko ukuba abantu bamgxeke uThixo ngokwakhe, oyena unguMlawuli ophezu konke, ekwanguMmisi- mthetho. IBayibhile, ezicacisayo ezi zintoiyathso nokuthi nguThixo, ingenguye uSathana olawula okwanzekayo ehlabathini. IziBhalo eziNgcwele zithi uThixo wazidala zonke izinto, waye ezilawula zonke izinto azidalileyo ngokupheleleyo. Intando kaThixo ayinakuguqulwa, yena

ungukumkani wezinto zonke. UThixo akammangaliswa yiyo nayiphi na into eyenzekayo. Uzilawula zonke izinto, zaye zonke izinto zisebenza ubulungisa kwabo bamthandayo, abo ababizele ukuba babe ngaBakhe.

Ezi ngcamango ziyinyaniso, kodwa zinganambitheka kuthi xa ngaba siyakholwa kuThixo. Iingqondo zethu masizizalise ngezi ngcamango eziyinyaniso ngento ayiyo uThixo. Kwakuba kunjalo ke siyakukwamkela ngovuyo nakuphina okunokwehla -kwanokudanisayo; iingxaki nosizi ngokuba soba sisizi ukuba konke oku kulawulwa nguThixo, uThixo olumkileyo ongenakuphazama enothando olungangokuba angabinakuswela ububele.

Abantu kuyafuneka bezivile ezi nyaniso zingoThixo. Abantu kufuneki baxelelwe ngoThixo, neetetho ezingaphethe nto; kungoko ndithi kwakhona, uThixo usaphila. UThixo uyakubona okwenzekayo. Oku kuwenza amaKrestu omelele kwinkolo yawo. Xa sincinga ngoko kwenzekayo ehlabathini, masingaqali ngokucinga ngomntu. Zininzi izinto elizweni ezingummangaliso ekunzima ukuziqonda. UThixo ke ngokwakhe usinika ukuqonda ngokutyhilwa yiBhayibhile, eli lizwiLakhe kuthi. Ngoko xa sifuna ukuqonda okwenzekayo ehlabathini, masiqale ngokufunda okuthethwa yiBhayibhile ngoThixo. Masiqale ngokucinga ngoThixo ngokwaKhe.

Ukuba siqala ngokucinga ngehlabathi njengoko linjalo namhlanje, ukuze sizame ukayamanisa oku noThixo, sakugqiba ekubeni uThixo incinci inxaxheba yakhe ehlabathini. Kodwa ukuba sithe saqala ngokucinga ngoThixo, ukuze ke siyamanise loo mcamango nehlabathi, sakwandula ukuqonda ukuba kungani na ukuba izinto zenzeke ngale ndlela zenzeka ngayo. Ngenxa yokuba uThixo eNgcwele uyabagweba abo bonayo ngaKuye. Ngenxa yokuba uThixo eligcina ilizwi Lakhe, uyakohlwaya ukona njengoko etshilo eziBhalweni eziNgcwele. Ngenxa yokuba uThixo enakho ukenza nantoni na, akukho bani unokumelana naYe, okanye amoyise. Ngenxa yokuba uThixo esazi yonke into, akukho bani unokwazi ngaphezu kokuba esazi; kwaye kungekho nto inokuba nzima kuThixo kangangokuba angabi nakuyenza. Ngoko ke, njengoko sibona izinto zisenzeka enlabathini, sibona ukuba uThixo uyaqala ukugweba okungalungileyo.

Zimbini ngoko iidlela zokuphendula umbuzo wam ongowokuba, ngubanina kanye olawula okwenzekayo ehlabathini. Umntu ongakholwayo kuThixo yonke into uyicinga ngeyakhe indlela yokuba engumntu. UQala ngoMntu, aqale ke ngoku axakwe ukuba uThixo angazilawula njani na izinto ezenzekayo. Kodwa iziBhalo zona

zisixelela ukuba iin3cinga zikaThixo azifani neengcinga zoluntu, kwanokuba iidlela zi aThixo azifani neendlela zendalo yethu. Ngoko ke umntu ongakhol- wayo kuThixo uyakusoloko ecinga ukuba bubudenge ukuthi uThixo ulawula zonke izinto. Kanti wona amaKrestu akholelwa ukuba uThixo ulawula konke ngexa yokuba uThixo utshilo ngok- wakhe kwiziBhalo eziNgcwele. UMkrestu uqala ngoThixo. Nakubeni bungaka ububi nembandezelo ehlabathini, nto leyo ehlungisa amaKholawa, uMkrestu akatho ukuthi, "Ukuba bendinguThixo bendingasayi kukuvumela oku." UMkrestu ukholiwe ekubeni iidlela zikaThixo azinakho ukuqondakal ngokupheleleyo. UThixo uzifihlile izinto ezininzi emehlweni ethu, ukuze avavanye ukhole lwethu, nokuze komelezeke ithemba lethu kubo ubulumko bakhe, ukuze yonke into siyamkele ngokwentando yakhe. UMkrestu uthembele kuThixo, yonke into eyithatha ngokwentando kaThixo. Ethembele kuThixo, uyayamkela yonke into njengento ethunyelwe nguthixo, ngokuthembela kuYe, intliziyo yakhe iyazola naphakathi kwenkqwithela. Ngokuth-embela kuThixo, unovuyo kuba esazi ukuba uyakulubona uzuko lukathixo ekupheleni kwazo zonke izinto.

Kwisahluko esilandelayo sakufunda ngakumbi ngokuba iziBhalo eziNgcwele zithetha ukuthini na ngokuthi uThixo ulawula zonke izinto.

# ISAHLUKO 2

## UTHIXO UYALAWULA

Niyazi na ukuba kathethwa ntoni na xa kusithiwa uThixo ngoNobungangamsha? Kwisahluko sokuqala sifunde ukuba nakubeni bungaka ububi ehlabathini, iziBhalo eziNgcwele zithi uThixo ulawula zonke izinto. Yiloo nto ke esithetha yona xa sithi uThixo ngoNobungangamsha. Xa sisitsho sithetha akuthi uThixo unamandla kuzo zonke izinto. Yena uNgophezu - konke. Ungukumkani omkhulu. UnguThixo, uyiNgagalala, esenze ngentando yakhe yakhe eseZulwini nasemhlabeni, ngako oko akukho bani unokumthintela, okanye onokumxoxia ngento ayenzayo. Xa ngoko sisithi uThixo ngoNobungangamsha sitheth ukuthi uNamandla onke, ukuthi unamandla ezulwini nasemhlabeni, kungekho bani onamandla okuma phambi kwakhe. Lo ke ngulo Thixo uchazwa ziziBhalo eziNgcwele - iBhayibhile.

Iimfundiso zala maxesh zithande ukusinika izimvo ezahlukileyo ngoThixo. Zona zimbeka uThixo ngokomntu obuthathaka ongena luncedo - uMntu apha onokushuka umvele usizi kunokuba umoyike. Iimfundiso zala maxesh zithi uThixo ungoBawo ofuna ukusindisa wonke umntu ehlabathini, nokuthi uThixo unyana wafa ukuze kusindiswe lonke uluntu lwehlabathi, ukuze uThixo onguMoya OyiNgcwele atsalele bonke abantu ehlabathini ebatsalela kukrestu.

Kuyo yonke loo nto sibona abantu besifa bengasindiswanga ngu-Krestu, ke ukuba uThixo onguYise ebenqwenela ukube basindiswe unokuba udanile, uThixo onguNyana unokuthi anganeliseki, abe ke uThixo onguMoya woyisiwe. Ukuba sithi uThixo umangalisiwe kukona koMntu, ngoko soba uThixo simjongela phantsi, kumgangatho wabantu abathi bona benze impazamo. Ukuba sithi uThixo ubukele engenacebo abantu behleli ezonweni, bethuthunjelwa izinto ezingwenxa abanzenzayo abantu. Eneneni ukuba siyabu- phika ubangangamsha bukaThixo, kamsinya siza kungabi nayo ingcinga ngoThixo kwizicamango zethu. UTRixo unobuNgangamsha kwaphela. Unelungelo lokulawula zonke izinto ngokwentando yaKhe. Ufana nombumbi oluxonkxa udongwe negendlela athande ngayo.

UThixo ubonakalisa ubuNgangamsaha ekusebenziseni amandla akhe. Uwasebenzisa ngokuthanda kwakhe, ngexesha athande ngalo, nalapho athanda khona. IBayibhile iyokne ibonisa ukuba oku kuyinene. Ngaxa limbi uThixo akawabonisi amandla akhe ixesha elide, asuke ngequbuliso awavelise. Xa uFaro wayezama ukuthintela amaSirayeli ukuba angayikumnqula uThixo entlango, uThixo wawabonakalisa amandla akhe, aza amaYiputa abulawa onke. Kwakhona xa amaSirayeli ayengena eKanana, athintelwa ziindonga zeJeriko, uThixo wasebenzisa amandla akhe zawa iindonga zesixeko eso. Kanjalo amandla kaThixo amsindisa uDavide kuGoliyathi UThixo kwangokunjalo, wayivala imilomo yeegongyama asamenzakailisa uDaniyeli.

Kanti kunjalo asingawo onke amaxesha athi amandla kaThixo asindise abantu bakhe. KumaHebere, ishaluko II ivesi ye 36 ne 37 sixelewa ngokuba abathile, ababekholwa kuThixo bafakwa entolongweni baxulutywa ngamatye, okanye babulawa, bambi bazulazula ezindle bembethe izintsu zenyamakazi bebethwa ziingqele namaqhwa. Kungani ukuba bayekelwe kule mbandezelo? Kungani ukuba uThixo ngamandla aKhe angabasindisi, njengabaya wayebasindisile? Kungokuba unguSomandla ewasebenzisa amandla akhe ngaloo ndlela abona ukuba yeyona ilungileyo. Kwakhona kukwakuYe ukunika amandla aKhe kulowo athande ukunika yena.

UMethuselah wampha amandla okuphila ixesha elingaphezu kwabantu bonke Abanye abantu ubapha amandla okuba nemali eninzi, kodwa Yena akabenzi izityebi bonke abantu ngokulinganayo. Le nto ibangwa kukuba uThixo unobungangamsha ngendlela anikela ngayo amandla akhe ebantwini. Yena akabaniki bonke abantu amagunya afanayo. UThixo unobungangamsha ngendlela abonisa ngayo inceba Yakhe.

Xa uYesu waye ngasechibini leBhethesayida eYerusalem kwakukho apho inkitha yabantu abagulayo, phakathi kwabo kukho umntu ominyaka ingamashumi amathathu anesibhozo engumlwelwe. Kwenzeka ntoni? KuYohane 5 : 1 - 9 sixelewa ukuba uYesu wathi kule ndoda "Vuka, thabatha ukhuko lwakho uhambe." Kwa-oko waphiliswa umntu, wathabatha ukhuko lwakhe wahamba. Ngoku kungani ukuba le ndoda iphiliswe? Asixelelwa ukuba wayekufanele ukuphiliswa ngako oko inceba keThixo yabonakaliswa kuye ngendlela yonbungangamsha, ngokuba uYesu wayenakho nokuphilisa yonke loo ncimbane ngokulula njengale ndlela wayephilise ngayo lo mlwelwe. Kodwa uYesu ngamandla akhe obuThixo, wakhetha ukuphilisa le ndoda yodwa. Ngoko ke uThixo unobungangamsha ngendlela yokubonisa inceba Yakhe. Uyibonisa inceba Yakhe apho athande khona.

UThixo unobungangamsha ngendlela abonisa ngayo ubabalo Lwakhe. Ubabalo yintando kaThixo ayibonisa abantu abangayifanelanga kodwa ababefanele ukuphoswa esihogweni endaweni yoko. Ubabalo yinto echasene mpela nobulungisa. Ubulungisa businika loo nto isifaneleyo. Ubabalo bubulungisa bukaThixo athi abenze kubantu abangafanelwanga hubo ngenxa yokuba bemthiyile uThixo, bengamthobeli. Sisipho esivela kuThixo. Akukho bani unokulubanga ubabalo lukaThixo, kuba bulilungelo lakhe. UThixo unika ubabalo ebantwini ngetando yobungangamsha bakhe. Vuyiseka yile nto! Kuba aboni basindiswa ngobabalo, akukho namnye umntu nongoyeha umbi obungamfanelanga ubablalo. Akukho mntu unokuqhayisa ngobabalo lukaThixo, nguThixo kuphela ofumana uzuko ngalo.

Phantse naliphina iphepha leBhayibhile lisikhumbuza ngobungangamsha bukaThixo, ngokubonisa Kwakhe ubabalo Lwakhe. Ngexesha lokuzalwa kukaYesu, udaba lokuzalwa kwakhe alunikelwanga abantu emhlabeni. Koko lanikelwa kubelusi nezazi zaseMpumalanga. Wayesenakho uThixo ukuvakalisela bonke abantu, abonisa ngayo ubabalo Lwakhe. Phawula apha ukuba uThixo ubonise ubabalo lwakhe kubantu ababengacingelekanga - abelusi namadoda angengawo namaJuda. Kaninzi nasemva kokuzalwa kukaYesu, uThixo

wasoloko elubonisa ubabalo lwakhe apho bekungacingelekanga, kubantu abangalufanelange. Ngaba ulubonisile kuwe ubabalo lwakhe? Sibonile ukuba iBhayibhile isibonisile ukuba yonke into esiyixelelwa yiBhayibhile ngo- Thixo inobungangamsha. Kwisahluko esilandelayo sizakubona ukuba izinto azidalileyo uThixo nazo ziyabubonisa ubungangamsha bakhe.

### "IVESI ZEBHAYIBHILE"

Abantu abamaziyo uThixo bayakomelela benze imisebenziemangalisayo. *Daniyeli 11:32*

Iingcinga zam asizizo iingcinga zenu Ngokunjalo iindlela zam azizondlela zenu, Itsho, iNkosi (Utsho uYehova) Njengokuphakama kwezulu phezu komhlaba, Ngokunjalo iindlela zam ziziphakamele iindlela zenu, neengcinga zam ziziphakamele iingcinga zenu.

*Isaya 55:8-9*

Hayi ubanzulu bobutyebi, nobobulumko, nobokwazi uThixo! Asikuko nokuba ayiphengululeki imigwebo yakhe. *Roma 11:33*

Kuyo yonke into uThixo usebenze ngokwecebo lokuthanda Kwakhe. *Efese 1:11*

Ngokuba ziphuma kuyo ke, zikholo yona zonke ezo zinto. Malube kuyo uzuko, kude kube ngunaphakade! *Roma 11:36*

Ukumkani uDavide wambonga uYehova phambi kweBandla lonke, wathi uDavide, "Mawubongwe wena Yehova, Thixo kaSirayeli, uBawo wethu, kukusela kwaphakc.e kude kuse ephakadeni. Bobakho, Yehova, ubukhulu, namandla, nozuko, noloyiso, nendili. Ewe, konke, okuseZulwini nokusehlabathini kokwakho, bobakho Yehova, ubukumkani, uphakamile wayintloko yeento zonke. *1 Kor. 29:10-11*

Lowo usikelelikileyo ukuphela konamandla uKumkani kaKumkani, uNkosi kaNkosi. *Timoti 6:15*

# ISAHLUKO 3

## UTHIXO ULAWULA INDALO

Kwisahluko sesibini sibone ukuba iBhayibhile isixelela ukuba uThixo unobungangamsha. Yena unobungangamsha kumagunya Akhe, kwinceba Yakhe, nakubabalo Lwakhe. Ngoku sifunda ngobungaphezulu ubungqina bobukhulu nobungangamela

bukaThixo. Izinto azidalileyo uThixo nazo ziyabuxela kuthi ubungangamsha Bakhe. UThixo ulawula ngokupheleleyo kuyo yonke indalo ayidalileyo.

Zama ukucinga ngexesha eliphambi kikuba uThixo adale inlabathi. Uthixo wayeselekade enguSomandla. Wayezikhethele ukuba makadale okanye angadali nento le. Kwa indlela amakayidale ngayo yonke loo nto yayixhomekeke entandweni Yakhe. Ethanda wayesenokulidala ilizwe libe lincinane ngangokude lingabonakali. Wayesenokulidala libe likhulu kangangokuba kungabikho bani owazi ubungakanani balo. Zange acele mntu wakuMncedisa xa wayedala ihlabathi.

Ngoku cinga ngelizwe alidalileyo uThixo. Kungani na ukuba amanzi abe ngaphezulu komhlaba owomileyo? Kungani ukuba omnye umhlaba ungalungeli humiwa ngabanthu? Kungani ukuba amanye amaze abe neenyikima zomhlaba, kanti amanye awanazo? Impendulo ithi ibiyinjongo kaThixo.

Khawucinge ngomahluko phakathi kwezilwanyana: phakathi kwamaxhwane neebhere, iindlovu neempuku. Ezinye iinyamakazi, njengezinja zinengqondo, ezinye zinobuthyhakala. Oondlebende, noodonki bathwala imithwalo enzima, kanti zona iingonyama nezingwe azisebenzi nto. Cinga ngeentaka zezulu, izilwanyana zomhlaba neentlanzi zolwandle. Kunganina ukuba kubekho lo mahluko ungaka phakathi kwenzilwanyana? Isizathu kukuba uThixo uthande ukuba kubenjalo.

Cinga ngezityalo. Zimbi izityalo zinuka kamnandi kanti ezinye azinavumba konke. Eminye imithi inika iziqhamo, ezeminye iziqhamo ziyabulala. Kungani ukuba kube nje? Kungokuba uThixo wayesenze ngokwentando yaKhe, eZulwini, emhlabeni naselwandle.

Cinga ngoku ngezithunywa zezulu. Iingelosi azilingani zonke. Ezinye zibaluleke ngaphezulu kunezinye, ezinye zinamandla kunezinye, ezinye zisondele kuThixo kunezinye. Kungani ukuba zingalingani? Impendulo kuko konke oku kukuba uThixo wenza ngokuthanda kwaKhe.

Izinto azenzileyo uThixo zibonisa ubungangamsha baKhe. Yonke into uyenze ngaloo ndlela ekholisa Yena. Oku kwenza ukuba singammangaliswa xa sibona umahluko phakathi kwabantu. Kukho abantu abangqondo zikrelekrele kakhulu, abanye banganeno. Abanye bangwanyalala banempilo, okanti abanye yimilwelwe. Abantu abahlukeneyo banokudalwa okwahlukeneyo. Abanye banobuchule ckukhokeleni nasekuphatheni abanye, abanye ngabalandeli nabalungiseleli. Masingamangaliswa ngulo mahluka phakathi

kabantu. UThixo wenze umntu mgamanye wohluka komnye. Kungani ukuba kubenje? Kungokuba uThixo onguSomandla ubone ukuba kulungile ukuba kubenjalo.

Uthixo odale zonke izinto, unobungangamsha ngokufezekileyo. Wenza oko akuthandayo, afezekise intando yaKhe. Zonke izinto uzenzele Yena. Unelungelo elipheleleyo lokwenza njalo, kuba unguThixo onguSomandla.

Akanelanga kuzenza izinto ngamandla aKhe, ukwazilawula zonke izinto azidalileyo. Ngaba bekuyakuba njani xa uThixo ebengazi-lawuli ngokwakhe izinto azidalileyo. Masithi uThixo abelidale ilizwe waliyeka ukuba lizihambele ngemithetho abathi abantu yeyendalo, bekuyakuba njani? Ukuba bekunje besiya kuqiniseka yintoni ukuba ihlabathi alinakutshabalala? Ukuba bekungekho nto yimbi elawula ilizwe ngaphandle kwendalo, izivunguvane zemimoya bezisenokufika zitshabalalise ihlabathi. Izikhukula zemvula bezingatshayela umhlaba wonke. Inyikima enkulu ibingalitshabalalisa ihlabathi. Besingaqiniseka njani ukuba ezi zinto bezingayi kulitshabalalisa ihlabathi ukuba uThixo ebeliyekele kwimithetho yendalo. Ukuba sithi uThixo akalilawuli ihlabathi, singazi- fumana sisesichengeni, singena lukheseleko. Ukuba sithi uThixo akazilawuli zonke izinto, ngaba ke zonke izinto zihle ngebhaqo.

Thelekelela xa uThixo ebengelawuli imisebenzi nezenzo ezikhohla keleyo zabantu. Thelekelela xa abantu ngokupheleleyo bebevumelekile ukwenza intando yabo. Ukuba bekungabanjalo, bonke ubulungisa elizweni bebuya kuphela, ukuze ububi nezivondoviya kulandele zona. Ngoko ngokuqinisekileyo, luyafuneka ulawulo lukaThixo, eneneni ke uThixo uyalawula phezu konke.

UThixo ude alawule nezinto ezingenabomi, ezinje ngemoyezulu, ulwandle, nomoya. Xa uThixo wathi, “Makubekho ukukhanya. “, bakho ukukhanya. Uthe akuthi uThixo uzakuthoba imvulakazi enkulu ehlabathini ngenxa yokukhohlakala kwabantu, yehla imvulakazi. Xa uThixo wathoba izibetho eJiphutha, ukukhanya kwajika kwaba bubumnyama, imilambo yaba ligazi, kwawa isichotho. Kanti uThixo wazilawula nezo zibetho, ukuze zingabachaphazeli abantu bakhe. Kuyo yonke imbali yeziBhalo eziNgcwele, uThixo usoloko ezilawula izinto ezingenabomi.

Iziko lomlilo likaKumkani uNebhukadnetsare lalenziwe shushu ngokuphindwe kasixhenxe kunoko liqhele ukubanjalo, aza amadoda amathathu akwaThixo aphoswa phakathi, kodwa umlilo awuzange urhawule nempahla ezi zawo, nakubeni wawabulala wona amadoda awaye waphosela. Xa abafundi bakaYesu babeNaye esikhitshaneni,

kwaza kwavuka uqhwithela, baza bona boyika, uYesu walikhalimela ulwandle ukuba Iuzole. Wathotha umoya kwabakho ukuzola. UThixo ulawula nemoyezulu. Uthumela umkhenkce, ikhephu nomoya. UThixo uyayibamba imvula, okanye ayithulule. Zonke ezi zinto zingena bomi zenze oko uThixo aziyalela kona, zenze ngokwentando yaKhe. Xa sikhalaza ngemozulu, enenei siba sikhalazela uThixo nentando yaKhe.

UThixo walidala ihlabathi, waye esoloko elilawula. Kanti uThixo uyazilawula nezilwanyana, nabantu nezithunywa zezulu, njengoko siza kufunda kwisahluko esilandelayo.

# ISAHLUKO 4

# UTHIXO UYABALAWULA ABANTU

Kwisahluko sesithathu esingaphambili sibone ukuba uThixo uyazilawula izinto ezisehlabathini ezingenabomi, ezinje ngomhlaba, umoya, umlilo, namanzi. Kanti ukwalawula izilwanyana abantu neengelosi.

## OKOKUQALA

Ulawulo lukaThixo ezilwanyaneni lubonisiwe eBayinbhileni. KwiGenenis 6 ivesi 20 sifunde ngoThixo ethoba uNogumbe emhlabeni. Wayalela ukuba kungeniswe ngambini kwizilwanyana enqanaweni eyayakhiwe nguNowa. Ngoko ezi zil- wanyana zinkokuba zazilawulwa nguThixo. Kwincwadi yeExodus 8 iziBhalo eziNgcwele zichaza izibetho ezathotywa nguThixo eJiputa. Wenza ukuba kunyakazele amasele emilanjeni. Wenza kuba loo masele makangene ebhotweni lokumkani, nakwizindlu zezicaka. Wawenza amasele angene ezitovini nasemandlalweni, indawo ekungazange kwangena masele kuzo. Emva koko iimpukane zawufikela umhlaba waseJiputa, kodwa iimpukane zange zisondele kubantu bakaThixo. Emva koko uThixo wahlisa isifo kwiikomo zamaJiputa, kodwa asizichukumisan a iinkomo zabantu bakaThixo. Siyabona ke indlela uThixo awayelawu a ngayo izilwanyana. Kweyokuqala incwadi yoKumkani 17:2-4 sibona uThixo eyalela umporfethi u-Eliya ukuba makaye kuhlala emfuleni apho ayakufunzelwa ngamahlungulu. Ezi ntaka zakusa ukutya kumkhonzi kaThixo endaweni yokuba zikutye ngokwazo. Maninzi amabali eziBhalweni axela ukulawula kukaThixo izilwanyana. UThixo wayivala imilomo yeengonyama ukuze zingamenzi nto uDaniyeli xa

wayephoswe emhadini wazo. UThixo wathuma intlanzi ukuba iginye isicaka sakhe uYona, uthe akuyithuma intlazi yaya kumhlanza kumblaba owomileyo. Siy- abona ngoko ukuba uThixo uyazilawula zonke izilwanyana. Izilwanyana, iintaka neentlanzi zenza oko uThixo onobungang- amsha aziyalela kona.

## OKESIBINIU

Thixo ulawula abantu njengoko alawula izilo. Kunzima ukukuqonda oku, kodwa ndifuna niqonde oku kuyinene. Kuphakathi kokuba uThixo uyalawula okanye uyalawulwa. Yiyiphi inene kwezi zinto zombini? Kuyinene ukuba abantu bangamthiya uThixo, kodwa oko akuthethi ukuba uThixo akangebasebenzisi abo bantu kwinto afuna ukuba bayenze. Akwanele ukuthi uThixo unakho ukuyithintela into eyenziwa ngabantu abangendawo. Akwenele ukuthi uThixo uya kubohlwaya ngenye imini abantu abangalunganga ngenxa yezenzo zabo ezingalunganga. UThixo mkhulu kangangokuba nayiphina into eyenziwa ngabona bantu bakhohlakeleyo iyalawuleka kuThixo. UThixo mkhulu kangangokuba lo mntu ukhohlakeleyo wneza le nto uThixo ebethe iyakwenzeka nakubeni lo ungendawo engayiqondi loo nto. Kwenzeka loo nto kuJudas, umntu owangcatsha uYesu Krestu emthengisa kwabo babemthiyile. Ingaba angakho umntu okhohlakele ngaphezu koJudas? Ngoko ukuba uJudas wayesenza oko uThixo wayefuna kwenzeke kona, kucacileke kukuba bonke abantu abalunganga benza oko uThixo athe makwenzeke. Asithandi kunxoxa ngalo mbandela, koko sifuna ukuva ukuba iziBhalo zithini na. KwiZenzo, isahluko 17:28 sifunda ukuba kuThixo siphila, sihambe sidle ubomi. Oku kwakuthethwa kubantu ababengengawo amaKrestu, ababehlekisa ngayo into yokuvuka kukaYesu kwabafileyo. Kanti nale nto yayisenziwa ngaba bantu yayiphantsi kolawulo lukaThixo KwimiZekeliso isahluko 16:9 nakubeni aba bantu babesenza eyabo imigudu nezicwangciso, okwenzekayo kwakuzizicwangciso zikaThixo. Ibali lesityebi esisiyatha, kwiTestamente eNthsa kuLuka 12:16-21 lisibonisa ubunyani bayo le nto. Lisixelela ukuba lo mntu wayekhe oovimba abakhulu elungiselela isivuno sakhe owayesilimile. Wayezilungiselele ukudla ubuncwane bobomi. Kanti uThixo unazicwangciso zimbi, kuba wathi le ndoda izakusweleka ngobo busuku.

Asibobulungisa ukuthi abantu banakho ukwenza ngokuchasene nentando kaThixo. Kha ucamange ngale mihlathi eziBhalweni. KuYobi 23:13 sixelelwa ukuba uThixo wenza ngokomnqweno wakhe. Imizekeliso 21:30 apho sifunda ukuba akukho bulumko akuqonda

kunokusebenza ngokuchasene noYehova, uThixo. Ku-Isaya 14:27 siboniswa ukuba oko uThixo agqibe kuko akunakuguqulwa bani.

IziBhalo eziNgcwele zisixelela ukuba zonke izenso, ezilungileyo nezingendawo ziyalawulwa nguThixo. Abantu bangade bacinge ukuba banamandla kunoThoxo, bade bamvukele, kodwa uThixo uyabuhleka Ubuyatha babo. Un uThixo omkhulu kangangokuba angabathshabalalisa ngokut anda kwakhe.

## OKWESITHAHTHU

UThixo ukwazilawula izithunywa zezulu. Iingelosi zizithunywa zikaThixo. Zenza oko aziyalelayo, ziphulaphule imiyalelo yakhe. Nezo zingalunganga ziyamthobela. UMtyholi ngenkqu uyalawulwa nguThixo. Usathana wayengenakho ukusichukumisa isicaka sikaThixo uJobi wada wafumana imvume kuThixo. KuMateyu 4:11 siva ukuba uYesu wamyalela uSathana ukuba makashenxe kuYe, waza uSathana wemka ngoko. Ekupheleni kwehlabathi uSathana uyakuphoswa edikeni lomlilo olungiselelwe yena nezithunywa zakhe.

UThixo wongamile. Ulawula izinto ezingenabomi, izilwanyana nabantu nezithunywa zezulu, ndawonye noSathana ngokwakhe. Akukho nto ehlabathini lonke enokwenzeka ngaphandle kokuba uThixo uthe mayenzeke. Abo bathembele kulo Thixo umandla angaka baba noxolo ezintliziyweni. Ukuthembela kuThixo omandla angaka, kumnika umntu ukwaneliseka phantsi kokhuseleko. Asiyonto izinzekelayo, okanye ububi obuzihambelayo, ingenguye nomntu, okanye uSathana, kodwa uguYehova, uThixo oNamandla onke olawula eli lizwe -elilawula ngentando yaKhe, nangozuko lwaKhe olungunaphakade.

## IZICATSHULWA EZIBHALWENI

Ngokuba ndiyazi mna ukuba mkhulu uYehova, INkosi yethu ingaphezu kothixo bonke. Konke akuthandileyo uYehova uyakukwenze Ezulwini nasemhlabeni Ezilwandle nasemanzini onke enzonzobila. *Indumiso 135:5-6*

Ufanele, Nkosi ukwamkela uzuko, nembeko namandla, Ngokuba inguwe owadala zonke izinto Nangenxa yokuthanda kwakho zakho, zadalelwa oko. *Isityhilelo 4:11*

Izinto zonke zabakho ngaYe, engkho Yena akubangakho nanye into ethe yabakho. *Yohane 1:3*

UThixo wethu ke usemazulwini, Konke akuthandileyo uyakwenza.
*Indumiso 115:3*

Nisikelelekile kuYehova, Umenzi wamazulu nehlabathi. *Indumiso 115:15*

Ekuqalekeni Wena Yehova waliseka ihlabathi, nalo izulu lingumsebenzi wezandla zakho. *Hebere 1:10*

# ISAHLUKO 5

## UTHIXO WAKHA AMAKHOLWA

Mhlawumbi niyamangaliswa ukuba kunganina ukuba uThixo onamandala nobungangamsha angabasindisi bonke abantu esonweni. Siyazi ukuba uThixo uyabasindisa abanye abantu. Ke ukuba uya-basindisa abanye abantu, kunganina ukuba angabasindisi abanye? Asinakutsho ukuba abanye abantu babi kangangokuba uThixo angabi nakubanceda, kuba uPawulos isicaka sikaThixo ubhala ku 1 Timoti Isahluko 1:15 yena waye ngoyena mkhulu kuboni. Ukuba ke uThixo unakho ukusindisa noyena mkhulu kuboni, ngoko akukho mntu ekungathiwa akangebi nakuncedwa. Ngaba ke uThixo engabancedi nje abanye abantu kungokuba bona bengafuni ukuba abancede abasindise?

Phambi kokuba siphendule lo mbuszo, masikhe sicinge ngamava abo bantu abathi babangamaKrestu. Phambi kokuba aba bantu babe ngamaKrestu, babengafuni kwazi ngoThixo. Behamba eyabo indlela, ingeyiyo indlela kaThixo. Yaba yintoni eyaguqula aba bantu yabenza amaKrestu ngoku? Umntu onguMkrestu angaphendula ngamazwi akuma 1 Korinte 15:10. “Ngofefe lukaThixo, ndiyinto endiyiyo”. Onke amaKrestu enene ayakuthi naxa izenzo zabo ziphezu kwabo, uThixo ngofefe lwakhe, ubenakho ukujika intando yabo. Bathe ngokuzithandela bamamkela uYesu wabanguMsindisi wabo, kodwa ibinguThixo obenze balangazelela ukuguquka. Singatsho ukuthi abantu abangasindiswanga asikuba abasindiswanga kuba bengakholwa kodwa ke akunjalo ngokupheleleyo. Kungani ukuba aba bantu bangakholwa? Abakholwa kuba abanalo ukholo. Ukholo sisipho sikaThixo, waye uThixo esinika esi sipho kwabo abanyulileyo - kuba sifunda kwiZenzo 13:48 ukuba bonke abo abanyulileyo ukuze bamkele ubomi obungunaphakade bayakholwa.

Ngoko ke isizathu sokuba uThixo engasindisi wonke umntu sesokuba uThixo onguBawo uyazibonela ngosindiso. Unika abantu ukholo olusindisayo ngokuthanda kwakhe. Zininzi iindawo eziBhalweni ezibonisa ukuba uThixo uBawo wenza ngokubona kwakhe ekusindiseni abantu ezonweni zabo. Makhe siqwalasele ezinye zazo.

## OKOKUQALA

KumaRoma 9:21-23 sixelelwa ukuba uThixo ufana nombumbi, thina sifana nodongwe. Abantu abanyuleyo uThixo, nabantu angabanyulanga bayafana, ukuba uThixo ebengabanyulanga wabasindisa abo abanyulileyo, wonke umntu ebeya kuya esihogweni. Kodwa uThixo uyawenza umahluko phakathi kwabantu, njengokuba umbumbi ewenza umahluko kwiingqayi zakhe, ezinye ibe zibe zezokuhombisa, ezinye zibe zezokusebenza. UThixo unakho ukwenza ngokuthanda kwakhe ngabantu abadalileyo. Yena ke, njengomgwebi wehlabathi lonke, uyakwenza ubulungisa. IziBhalo eziNgcwele, njengoko sifunda kwiZenzo 13:48 ukuba bonke abo bakholwayo banyulelwa ubomi obungunaphakade. Le vesi yeBhayibhile icacisa ngokusekuhleni ukuba ukholo luvela kwintando nokubona kukaThixo. Sikwa sibonisa ukuba ngabantu abathile kuphela abanyulelwe ubomi obungunaphakade, nokuba abantu abanyulileyo uThixo ubanyulele ukuba basindiswe ezonweni zabo. Esi siciendwana sisibonisa kwakhona ukuba bonke abo bantu abanyulileyo uThixo ngokuqinisekileyo bayakukholwa kwiNkosi uYesu Krestu.

## OKWESIBINI

KumaRoma 11:5 siva ukuba kukho ehlabathini abantu abanyulwe ngobabalo lukaThixo. Oku kusibonisa ukuba kunganina ukuba abantu bakhethelwe ukusindiswa. Abanyulwanga kuba uThixo ebebona ukuba bayakwenza imisebenzi emihle. Banyulwe kuphela ngokulunga kukaThixo kubantu abebengafanelekanga konke.

## OKWESITHATHU

Kuma 1 Korinte 1:26-29 sixelelwa ukuba uThixo akanyulanga abantu abakhulu nabanamandla ukuba bakholwe kuYe, kodwa unyule abathobekileyo ababuthathaka. Oku kubonisa ukuba ngokuphandle uThixo unyule abantu abathile amabasindiswe. Oku kuthi kunyulwe abantu ababuthathaka kubonisa ukuba uThixo wenza ngobungangamsha baKhe, engananzanga ubukhulu nakulunga komntu.

Isiciendu sethu sesine kwiziBhalo sikwincwadi yama-Efese 1:3-5. Apha sixelelwa ukuba uThixo wabanyula abantu bakhe phambi kokudalwa kwehlabathi, nokuba ngothando wabadalela ukuba babengcwele, bangabinachaphaza, babe ngoonyana neentombi zikaThixo. Oku kubonisa ukuba abantu bakaThixo banyulwa kwakude phambi kokuba umntu wokuqala awe ezonweni. Ezi vesi zikuma-Efese 1 zikwasixelela nokuba kunganina ukuba uThixo

anyule abantu bakhe. Wabanyulela ukuba babe nyulu, babeNgcwele emehlweni aKhe, ukuze babe ngabantwana baKhe.

### OKWESIHLANU

Kuma 2 Thesalonika 2:13 umbhali ubulela uThixo kuba enyule amaTesalonika ebanyule ukuba basindiswe ngoMoya Oyingcwele nagokukholwa kuyo inyaniso. Le nto ifundisa ukuba bonke abantu bakaThixo banyuliwe, baye benyulelwe ukusindiswa.

### OKWESITHANDATHU

2 Timoti isahluko 1:9 sithi uThixo ubiza asindise abantu bakhe, kungenganto bayenzileyo, kodwa ngokulunga nothando athe uThixo wakhetha ukulubonisa kubantu bakhe lingekabikho ihlabathi.

Elokuphetha, iBhayibhile isixelela ngokucacileyo ukuba uThixo unabantu abanyulileyo ukuze basindiswe. Ngenxa yokuba aba bantu benyuliwe nguThixo, bayamfuna uThixo. Ngoko ke akungebi naloyiko uxhalele ukuba uThixo akalunganga. Ukuba wena uyamfuna uThixo, oko kuxela ukuba se unyuliwe nguYe. Abantu abakholisi ngokulufuna usindiso lukaThixo, ngenxa yokuba bafile ngomoya ngakuThixo. Ngako oko ukuba uyalufuna usindiso alunikayo uThixo, olo langazelelo bobona bungqina bokuba uThixo uyakufuna. Le yeyona nyaniso inoncedo eBhayibhileni. Musa ukuyithandabuza. Ukholo sisipho sikaThixo. Ngako oko ukuba uyakholwa, uThixo ukunikile olo kholo kuba Yena uyakufuna ukuba ubenalo. Ukuba ngummangaliso kwalo mcamango!

# ISAHLUKO 6

## UYESU WAFELA BANINA?

Isahluko sesihlanu sibonisa ukuba uThixo uYise ngonobungangamsha bakhe ekusindiseni abantu. Nguye onika abantu ukholo lokukholwa kuYesu Krestu njengomSindisi wabo. UThixo unika le nkolo athande ukuzinyulela bona. Lilungelo lakhe uThixo ukwenza le nto.

Ngoku sifuna ukubonisa ukuba uThixo uNyana naYe unobungangamsha elusindisweni. Maxa wambi kuthiwa uYesu wafa ukuze anike usindiso ezonweni kubo bonke abantu. Kodwa oku akungebiyiyo inyaniso. Kuba uYesu ngokwakhe utshilo ukuthi uyakunika ubomi obungunaphakade kwabo uThixo akhethe

ukumnika bona yena. Mandinifundele amazwi kaYesu kuYohane 17:2 "Umnike amandla phezu kwayo yonke inyama, ukuze anike ubomi obungunaphakade kubo bonke omnike bona."

Zininzi iindawo eziBhalweni ezibonisa ukuba uYesu wafela kuphela abo uThixo abanyulileyo. Makhe sibone ukuba ngobanina. Sesibonile ukuba uThixo, kwalingekadalwa ihlabathi, waye selenabantu Abakhethele ukusindiswa. IBayibhile isixelela ukuba uYesu weza ehlabathini ukuza kwenza intando kaThixo. KuYohane 6:38 sifunda amazwi kaYesu athi, "Andizo kwenza intando yam, kodwa intando yalowo wandithumayo". UYesu uthetha ngabantu abanikiweyo nguThixo kuYohane 17:6, uthi ubonisile ukuba uThixo unjanina ebonisa abo bantu uThixo abanyulileyo ukuba bakholwe kuYe. Ngoko kuyacaca ukuba uThixo unyule abantu abathile amabasindiswe, nokuba uYesu, esenza intando kaThixo, wafa ukuze enze intando kaThixo kwaba bantu.

ENYE ingongoma emasiyiqwalasele yeyokuba uYesu, ngokufa kwakhe, wathabatha indawo yaboni abanetyala, weva ubuhlungu endaweni yabo, ukuze bona bangabiseva buhlungu ngazo izono zabo. Ukuba ke uYesu weva ubuhlungu wafa ngenxa yabantu bonke, bekungayi kubakho namnye owohlwayayo ngezono zabo, ebeyakuthi uThixo, ngokulunga kwaKhe abakhulule bonke. IziBhalo eziNgcwele zithetha ngabantu abafela ezonweni zabo, kwabo ayakuthi uYesu kubo, "Mkani kum nina baqalekisiweyo". Loo mazwi ungawafumana kuMateyu 25:41. Ngoko ke uYesu akafelanga bonke abantu, kuba bakho abantu abaya kuthwala bona isicialekiso sikaThixo.

KHANGELA kumaHebere 9:24 kule ndawo siva ukuba iNkosi uYesu Krestu ngoku usezulwini, apho Ami phambi koThixo ethethelela abantu baKhe. KwakumaHebere 7:25 kuthiwa uYesu unako ukubasindisa ngokupheleleyo abantu abeza kuThixo ngaYe, kuba uhlalele ukubathandazela. Phawula ukuba uYesu akathandazeli bonke, koko uthandazela abakhe abantu. KwiTestamente eNdala, uMpriste Omkhulu ebenyusa amadini acamagushela abantu bakhe, ukuze eme phambi koThixo ethandazela abo bantu. Kwangayo loo ndlela uYesu wenziwa idini lezono zabo bonke abanyuliweyo nguThixo, athi njengoMbingeleli wabo umkhulu abathandazele eZulwini. Ukuba uYesu uthandazela kuphela abanyuliweyo, naye wafela abo banyuliweyo kuphela.

Ngoku makhe sifunde kuYohane 6:44 UYesu apha uthi, akukho mntu unokuza kuYe ngaphandle kokuba utsalwe nguThixo uYise. Oku kubonisa ukuba kukho amandla obuThixo athi enze ukuba umoni atsaleleke kuYesu, kuba ngokwendalo yethu sonke asithakazeleli ukuya

kuYesu. Kuyo yonke loo nto siyazi ukuba abanye abantu abaze beze kuYesu. Kungani ukuba bangezi? Abanye abantu bathi uYesu akanyanzeli mntu ukuba amamkele njengoMsindisi wabo. Ngenye indlela, le nto iyinyaniso, kanti ngenye indlela ayiyo nyani. UYesu umele ukuba unawo amandla okubenza abantu beze kuYe kuba unguThixo n okwakhe, uThixo onamandla onke. Isizathu sinye esinokwenza ukuba abanye abantu bangaze beze kuYesu sesokuba uYesu akazimisele ukusindisa abantu. Wayezimisele ukusindisa kuphela abo uThixo abanyulileyo. Usebenzise amandla akhe obuThixo ukutsalela kuYe abo bantu banyuliweyo. KuMateyu 1:21 sifunda, "Uyakubizwa ngokuba nguYesu, ngokuba uyakuba- sindisa abantu ezonweni zabo". UYesu ngokwakhe wathi uze kunikela ubomi bakhe ebunikelela abaninzi Mateyu 20:28. Phawula akatsho ukuthi ubunikela bantu bonke.

ELOKUPHETHA, masikhangele ngoku iindawo ezisezіBhalweni ezingaba kungathiwa uYesu wafela bonke abantu. Xa sifunda ngokucokisa sifumana ukuba akukho ndawo itshoyo. Kuma 2 Korinte 5:14 kuthiwa uYesu wafela "bonke". Kodwa sakufunda kwivesi ye 15 sifumana ukuba lo "bonke" uxela abangamaKrestu. Ngokuthi "omnye wafela bonke" ixela ukuba uYesu wafela bonke abakhe. Ku 1 Timoti 2:5 - 6 kuthiwa uYesu "wazinikela ukuba abe yintlawulelo yabo bonke". Kodwa iBhayibhile isebenzisa igama elithi "bonke" ngendlela ezimbini, lisenokuba lixela "bonke abo bakhethiweyo". Apha makube lithetha ukuthi zonke iindidi zabantu, izityebi, namahlwempu, abanamandla nababuthathaka, kuba besesibonile ukuba uYesu ufele bonke abo banyuliweyo nguThixo. Esinye isiqendu kuma Hebere 2:9 sithi uYesu weva ukufa ngenxa yoluntu lonke. Kodwa le ivesi ilandelayo ibonisa ukuba sonke esi sahluko sibhekisa koonyana bakaThixo. Le vesi ithetha ukuthi uYesu weva ukufa ngenxa yabo bonke oonyana bakaThixo.

Ngoko ke iBayibhile iyacacisa ukuba iNkosi uYesu Krestu fele bonke abo bantu uTHixo abanyulele ukuba basindiswe. Aluna- siphelo uSindiso namandla kaYesu, kodwa ngobungangamsha bakhe, lamandla uwasikele ukuba makasebenze kuphela kwabo bantu banyuliweyo nguThixo. Makhe ndibuze ke umbuzo obalulekileyo! Wena ungomnye waba bantu banyuliweyo? UYesu ngaba ukusindisile?

## IZICATSHULWA ELIBHALWENI

Ulothumela intetho yakhe ehlabathini, Ilizwi lakhe ligidime ngokukhawuleza. Ulonika ikhephu njengoboya bezimvu, Ugcwayela iqabaka njengothuthu; Ephosa umkhenkce wakhe njengeenkokho; Ngubanina onokumn phambi kwengqele yakhe? Uthumela ingqele

amanzi eme abe yiqabaka; Uvuthuzisa umoya wakhe, aqukuqele amanzi. *Indumiso 147:15-18*

Kuba uYehova wemikhosi ucebile, ngubanina onokutshitshisa? Nesandla sakhe eso solukile, ngubanina unokutshitshisa? *Isaya 14:27*

Kumbulani izinto zangaphambili, zasephakadeni, zokuba ndinguThixo akukho wumbi. NdinguThixo akukho namye unjengam, okuxelayo lwasekuqaleni okungasemva. Nokwamandulo okungekenzeki, ndisithi, icebo 1am liyakuma, ndikwenze konke ukuthanda kwam. *Isaya 46:9-10*

Yimijelo yamanzi intliziyo yokumkani esandleni sikaYehova. Uyibhekisa apho esukuba ethanda khona. *Imizekeliso 21:1*

Zininzi iingcinga entliziyweni yomntu, noko ke licebo likaYehova eliya kuma. *Imizekeliso 19:21*

# ISAHLUKO 7

## UMOYA OYINGCWELE UFUMANA ABANTU BAKATHIXO

Sesibonile ukuba uThixo uYise usebenza ngobungangamsha ekunyuleni abuntu bakhe amabasindiswe esonweni, nokuba noThixo uNyana ngokufa kwakhe ekunyuleni nasekusindiseni esonweni abo banyuliweyo. Kwesi sahluko siza kubona ukuba noThixo uMoya Oyingcwele ungonobungangamsha naye. Ufumana abo bantu abanyuliweyo nguThixo abazisele izinto ezilungileyo eziza ngokuba kukaYesu.

Koko sesikufundile, sinokulindela ukuba oku kube yinyaniso. Ukuba uThixo uYise unyule abantu abathile, noThixo unyana wabafela, sinokulindela ukuba uThixo onguMoya uza kubazisela amalungelo afumaneka ngokufa kukaKrestu kwabo banyuliweyo. Oku ke sikufundiswa yiBhayib

KuYohane 3:8 sifunda ukuba umoya uphepheza apho uthanda khona. Siyasiva isandi somoya, kodwa asiboni apho uvela khona nalapho usinga khona. Kunjalo kulowo uzelwe ngoMaya Oyingcwele.

Njengokuba umoya usiya apho ufuna ukuya khona. Njengokuba singena kuxela ukuba umoya uvelaphina, ngokunjalo asingewazi uMoya Oyingcwele ukuba usebenza njanina, usebenza phina. Umoya uvuthuza ngexesha othanda ngayo, apho uthanda khona, ngendlela othanda ngayo. Ngokubona kwethu thina bantu, umoya unobungangamsha kwinto oyenzayo. Ngokunjalo noMoya Oyingcwele wenza njalo kwinto oyenzayo. Maxa wambi umoya uphepheze kancinci, ngaxa limbi ngamandla. KwanoMoya Oyingcwele maxa wambi usebenza ngokuzolileyo, ngendlela esingenakuyiqonda, ngelinye ixesha usebenze ngamandla. Ngendlela ebonwa ngumntu wonke. UMoya Oyingcwele usebenza ngokuzibonela. Into esizama ukuyibonisa yeyokuba uMoya oYingcwele, othi uzise aba bantu ukuba bazalwe ngokomoya, uyenza le nto ngegunya elilelakhe.

## KUQALA

Sibona ukuba abantu abanakuzenza ngokwabo ukuba bazalwe bazalwe ngoMoya. Ukuzalwa kwethu ngokwenyama kuyazenzekela, nokuzala komntu ngoko Moya yinto angenakuzenzela ngokwakhe. Oku kuzala ngomoya kuthetha ukuphuma ekufeni nokuya ebomini, njengoko esitsho uYohane kwisahluko se-5 ivesi ye-24. Ngoko umntu ofileyo ngokomoya akanakuzibuyisela ekuphileni ngokomoya yena ngokwakhe, kwanje ngokuba isidumbu singenakuzibuyisela ebomini ngokwaso.

Abantu abafileyo ngokomoya ngenxa yesono abanakuzenza baphile ngokwabo. KuYohane 6:63 sifunda ukuba nguMoya Oyingcwele onika ubomi bomoya ebantwini.

Noko kunje, kucacile ukuba uMoya Oyingcwele akabuniki obu bomi butsha kuwonke wonke. Kungani? Kulo mbuzo kudla ngokuthiwa kungokuba abantu abathembeli kuKrestu bonke. Baninzi nabathi uMoya Oyingcwele unike ubomi obutsha bomoya kuphela kumntu lowo selek olwa kuYesu Krestu. Kodwa le mpendulo iyazingqwetha izinto. Asiyonkolo yethu esizisela ubomi ngokomoya, ngumoya omtsha osenza sibenenkolo. Inkolo le asiyonto sibanayo ngendalo. Ku 2 Tesalonika 3:2 kuthiwa asingabo bonke abantu abanokholo. Kuma-Efese 2:1 kuthiwa sifile ngokungathobeli nagenxa yesono. Ke ukuba sifile, asinakho ukuba nokholo, kuba lowo ufileyo akukho nto anokukholwa kuyo.

## OKWESIBINI

Ngoko iBhayibhile isixelela ukuba umsebenzi woMoya Oyingcwele ekunikeni ubomi bomoya ufika kuqala phambi kokuba kubekho ukholo kuKrestu. KumaTesalonika esibini isahluko 2 ivesai

ye-13 kuthiwa, "UThixo wakunyula kwasekuqaleni ukuba usindiswe, ngokuthi ubekelwe bucala ngoMoya Oyingcwele ukholwe yinyaniso. Apha ke abafundi bencwadi kaPawulos babekwe bucala, babodwe ngoMoya Oyingcwele, ngaphambi kokuba bakholwe enyanisweni. Kuthetha ntoni ukubekwa bucala nguMoya Oyingcwele? Masithi ikhulu labantu leva iindaba ezilungileyo"- USindiso ngokholo kuYesu Krestu", kodwa kusuke kukholwe abe mnye qha. Lowo mnye uzelwe ngokomoya. Unobomi obutsha. Yena ebekhethelwe bucala esuswa kulaa mashumi asithoba anesithoba angakholwanga. Ku 2 Tesalonika 2:13 kuthiwa abantu athe uThixo wabahlula ngoMoya Oyingcwele bakhethekile ngomoya bekholwa yinyaniso. Indlela ezilandelelana ngayo ezi zinto ibalulekile. Okokuqala kukunyula kukaThixo, kulandele ukubabekela bucala obenziwa nguMoya Oyingcwele. Okokugqibela ukukholwa yinyaniso. Ezi zinto zilandelelana ngale ndlela ku 1 Petros 1:2 apho kuthethwa ngokunyulwa nguThixo onguYise, ukubekelwa bucala nguMoya Oyingcwele, kuqala ke ngoke ukukholwa kwigazi likaYesu Krestu. Phanbi kokukholwa kuYesu Krestu, kufuneka kuqala kubekho ukusebenza koMoya Oyingcwele ekukhetheleni bucala, kanti naphambi koko kufuneka kubekho ukunyulwa nguThixo.

Kuyacaca ngoko ukuba umsebenzi kaMoya Oyingcwele uyafuneka ukuze ligqibeke icebo likaThixo ngabantu bakhe. Ukuba uThixo wayesuke nje wakhupha uYesu ukuba afele aboni, kwakungayi kusindiswa nokuba abemnye. Kufuneka uMoya Oyingcwele enze umsebenzi wakhe kuqala phambi kokuba umoni azibone ukuba kufuneka asindiswe ezonweni, aze enziwe afune ukumamkela uYesu. Ngaphandle kokusebenza koMoya Oyingcwele akukho mntu unokukholwa nokuba iindaba zokusindiswa ngoYesu Krestu zingade zishunyayelwe. Akukho bantu banokukholwa kuKrestu engathanga uMoya Oyingcwele asebenze ezintliziyweni zabo kuqala, kuba bonke abantu ngendalo bamchasile uThixo ezintliziyweni zabo. Kodwa ngenxa yokusebenza koMoya Oyingcwele ezintliziyweni zabo, abantu abanyuliweyo nguThixo bayakholwa.

NGABA uMoya Oyingcwele seleqafile ukusebenza entliziyweni yakho? Uyakholwa kuYesu Krestu? Uyafuna ukukholwa? Phulaphula! Ukukba uyafuna ukukholwa kuYesu Krestu, makube kukho into ekwenze wena wahluka kwabo balileyo ukukholwa kuYesu Krestu. Le nto yenza ukuba ufune uSindiso lukaKrestu, luphawu lokuba uMoya Oyingcwele ufikile kuwe. Ungomnye wabantu bakaThixo awafela bona uKrestu. Cinga ngaloo nto!

# ISAHLUKO 8
## UTHIXO ULAWULA IMBALI

Ukuzakuthi ga ngoku sibonile ukuba ulawula zonke izinto kude kuye nakusindiso lwabantu abanyulileyo. UThixo uYise unyule abantu abathile abaya kusindiswa, uThixo onguNyana wabafela, uThixo uMoya Oyingcwele ubanika aba bantu ubomi bomoya. Kodwa ingaba uThixo uzilawula izinto ngokwesicwangciso esimisiweyo, okanye ingaba umana eguquguqula inkqubo yakhe? Kwesi sahluko sitsha sizakubona ukuba uThixo ulawula izinto ngocwangciso olumileyo.

Uninzi lwabantu m ilawumbi bangavumelana ukuba uThixo uzazi zonke izinto neziseza kuhla kwixesha elizayo. Uninzi lwabantu bangavuma ukuba uThixo uzazi kwangaphambili zonke izinto. Kodwa ukuba uThixo seleyazi into ezakuhla kwixesha elizayo, loo nto ayithethi ukuthi uThixo wayegqible ukuba izinto ziyakuhamba ngendlela ethile. Ukuba uThixo wayengacwangcisanga into eza kwenzeka ebeyakwazi njani ukuba izinto ziya kwenzeka. Ulwazi lukaThixo lwangaphambili alwenzi ukuba izinto ziya kwenzeka. Ulwazi lukaThixo lwangaphambili alwenzi ukuba izinto zenzeke. Izinto ziyenzeka kuba uThixo wayegqibe kwasekuqalekeni ukuba ziya kwenzeka. EziBhalweni kwiZenzo 15:18 kuthiwa uThixo wayesazi kwangaphambili into azakuyenza ukuthathela ukuqaleka kwehlabathi. Oku kuthetha ukuba uThixo unocwangciso oluthe gca, kwanokuba Yena uThixo akayijiki ingqondo yakhe.

Masijonge ngoku ukuba isicwangciso sikaThixo sasiyintonina xa wayedala ilizwe nabantu abakulo. KwimiZekeliso 16:4 iBhayibhile isixelela ukuba uThixo wazidalela Yena zonke izinto, kwakhona kwiziTyhilelo 4:11 iziBhalo zithi uThixo wazidelela ukuze azonwabise ngazo zonke izinto. Ukulidala kwakhe ilizwe, ngakumbi ukudala Kwakhe umntu, wayesenzela ukubonisa uzuko lwaKhe. Kodwa uThixo wayesazi engekamdali umntu, ukuba umntu uyakuwa enkohlakalweni, ngoko phambi kokuba lidaiwe ihlabathi, uThixo wagqiba ekubeni maze asindise abantu abaninzi ngoYesu Krestu. Usindiso lwabantu abangaboni, ngoYesu Krestu yabayinxenye yecebo likaThixo kwa engekalidali ihlabathi. UThixo walungiselela ukuba uyakukubonisa ukulunga kwakhe ngokusindisa abantu abaninzi abangaboni. UThixo wasoloko elilawula

ilizwe ukuthathela oko walidalayo. Ngako oko uThixo unakho, ukuliphumeza icebo lakhe lokusindisa abantu ezonweni zabo.

Kwisahluko esingaphambili sibonile ukuba uThixo ulawula nezinto ezingenabomi kwanezilwanyana. Sifundile kwakhona ukuba uThixo uzisebenzisile ezi zidalwa ukuba zikhusele okanye ziyale abantu bakhe abanyuliweyo. Ke ngoko abantu kwanezilo ziyasetyenziswa nguThixo kwizicwangciso zaKhe. Kodwa ke uThixo ubalawula njani abantu ukuze lifezeke icebo lakhe lokusindisa abaninzi esonweni? Sakuthi sicinge kuqala ngendlela uThixo asebenze ngayo ebomini babantu bakhe -abantu abo abanyulileyo ukuze basindiswe.

KUQALA uThixo ubenza abantu bakhe baphile ngokwasemoyeni. Engekakwenzi oko aba bantu bafana nje nabanye abantu. Nabo abafuni kumthobel uThixo. Kodwa uThixo uyasithobela isimo sabo abo abanyulileyo, ukuze babeNgcwele bafune ukumthobela. Olu tshintsheko lwesimo luba lukhulu kangangokuba lubizwe ngokuba "luzalo olutsha". Ukuzalwa ngokutsha ngokomoya asikuko ukuguquka kwengqondo okubakho nje okwethutyana. Yinguquko epheleleyo ethi imtyhutyhe umntu ephela. Loo mo iyakuba njalo ngonaphakade. UThixo unika obu bomi butsha ngokomoya kubantu bakhe abanyuliweyo, ngokwesicwangciso sakhe.

OKWESIBINI uThixo unika amandea kubantu bakhe abanyuliweyo. Ngamandla lawo, aba bantu banakho ukwenza intando kaThixo, oko uThixo abayalela kona. Abantu abanyuliweyo nguThixo babonisa uthando, uvuyo, noxolo, ukunyamezela, ukuzola, ubulungisa, ukholo, ukuthamba nokuzoyisa.

OKWESITHATHU uThixo uyabakhokela abantu abanyulileyo ukuze benze ezo zinto ezikholekileyo kuYe.

OKWESINE uThixo uyabalondoloza abantu bakhe ukuze bahlale bemthanda, bemkhonza.

Kuzo zonke ezi ndlela uThixo uqhuba icebo lakhe lokusindisa abantu abaninzi ezonweni zabo. Kanti ukwaliqhuba eli cebo lakhe ngokulawula abantu abakhohlakeleyo. Makhe sikhangele indlela alawula ngayo abantu abakhohlakeleyo.

OKOKUQALA uThixo maxa wambi uyabathintela abantu abakhohlakeleyo ekwenzeni kwabo ububi. IziBhalo eziNgcwele kwiNumeri 23 zisixelela ngendoda ekuthiwa nguBhilaham eyayiqeshelwe ukuqalekisa abantu bakaThixo amaSirayeli. Yena ngokwakhe uBhilaham wayefuna ukuqalekisa abantu bakaThixo, kodwa uThixo wamthintela. Endaweni yokwenza esi senzo sibi, uThixo

wamenza ukuba abasikelele abantu. UThixo maxa wambi uyabanqanda abantu abakhohlakeleyo ekwenzeni ububi.

OKWESIBINI ngamanye amaxesha uThixo uyaziguqula iingqondo zabantu abakhohlakeleyo abenze ukuba benze umsebenzi wakhe nentando yakhe. Abantu bakaThixo amaSirayeli, athinjwa ngamaPeresi. Kodwa uThixo wenza ukuba ukumkani wamaPeresi, uKoreshi anike umyalelo wokuba mayakhiwe kwakhona iTempile kaThixo. Lo kumkani uKoreshi waye ngumntu okhohlakeleyo kakhulu, kanti uThixo wayiguqula ingqondo yakhe, ukuze yenzeke intando kaThixo.

OKWESITHATHU ngamanye amaxesha uThixo uyenza ukuba kuvele ubulungisa kwizenzo ezibi zabantu abakhohlakeleyo. Oku kubonakaliswe ngokuphuhlileyo ekubethelelweni kukaYesu Krestu iNkosi. Nakuba abantu abakhohlakeleyo babefuna kuphela ukubulala uKrestu, kwakuza kuba ngokufa kwakhe emnqamlezweni ukusindiswa kwabantu abanyuliweyo bakaThixo ezonweni zabo.

OKWESINE ngaxa limbi uThixo umqhubela phambili enkohlakalweni umntu okhohlakeleyo. UMenza angabinakho ukubona ubulungisa nenyaniso. Wakwenza oku ukumkani wamaYiputa owathi waya eqhubela phambili ukukhohlakalela abantu bakaThixo amaSirayeli. Kunzima ukwazi ukuba kunganina ukuba uThixo azenze ezi zinto. Masiqiniseke kodwa ukuba uThixo uyakusoloko ebubonisa ubukhulu namandla akhe. UThixo akayenzi impazamo.

Ngoko ke, uThixo unezicwangciso ezicacileyo ekulawuleni ihlabathi nabantu. Icebo likaThixo lelokuba asindise abantu abaninzi ezonweni zabo. UThixo unika abantu bakhe ubomi bomoya, amandla, ulondolozo nokhuseleko. Kwangokunjalo uyathozamisa, athembise, alathise, okanye aqaqadekise abakhohlakeleyo kobo bubi babenzayo Sibone ke ukuba yonke into ilawulwa nguThixo. UThixo uwuqhuba ngokufezekileyo umsebenzi wakhe wokusindisa abantu bakhe ezonweni zabo. Yiloo nto amaKrestu ambonga uThixo ngobulumko nozuko lwakhe nangazo zonke izinto azenzayo nento Ayiyo.

## IIVESI ZEBHAYIBHILE

Lusebenzeni nilufeze olwenu usindiso ninokuzoyikela nokungcangcazela. Ngokuba nguThixo okusebenzayo ngaphakathi kwenu ukuthanda oko kwanokusebenza oko, ngenxa yenkolo yakhe.

*Filiphi 2:12-13*

Ke thina simelwe kukuhlala sibulela uThixo ngenxa yenu, bazalwana abathandiweyo yiNkosi, kuba uThixo kwasekuqalekeni

waninyulela ukusindiswa ngokungcwalisa koMoya nokukholwa yinyaniso, awanibizela kuko oko ngazo iindaba ezilungileyo zethu.

*2 Tesalo. 2:13*

Ngelo xesha wagcoba uYesu ngoMoya wathi "Ndiyabulela kuWe Bawo, Nkosi yeZulu nomhlaba, ngokuba ezi zinto uzifihlile kwizilumko neengqondi, wazityhilela iintsana. Ewe, Bawo, ngokuba kwakholeka kuWe ukuba kube njalo. *Luka 10:21*

UYesu wathi, "Konke andinikayo uBawo, kuya kuza kum, nozayo kum andiyikukhe ndimlahlele phandle". *Yohane 6:37*

UThixo owasisindisayo, wasibiza ngobizo oluNgcwele engenzi ngokwemisebenzi yethu, esenza ngokweYakhe injongo nobabalo, esanikwa lona kuKrestu Yesu phambi kwesicialo sehlabathi.

*2 Timoti 1:9*

# ISAHLUKO 9

## INTANDO YETHU ENENENI AYIKHULULEKANGA

Abantu abaninzi bathi sinentando ekhululekileyo. Bathi singazikhethela ukuba simkhonze, sikholwe kwiNkosi uYesu Krestu nje ngoMsindisi wethu ezonweni, okanye singakholwa. Abantu abaninzi bathi thina ngokwethu sinawo amandla okumamkela uKrestu okanye simchase.

Kodwa iBhayibhile ayifundisi ngale ndlela. KumaRoma 3:11 sifunda ukuba akukho mntu ufunayo ukumfumana uThixo. IBhayibhile kwakhona ithi lowo ufunayo, angeza kuYesu. Kodwa nayo le nto ayithethi kuthi wonke ubani unamandla okuza. Eneneni iziBhalo eziNgcwele zicacisa ekuhleni ukuba akukho mntu unamandla okuza kuKrestu. KumaRoma 8:7 sixelelwa ukuba ngendalo ingqondo yethu imchasile uThixo UYohane 15:18 kuthiwa apha ihlabathi ngendalo liyakumthiya uThixo. Zifundele ezi vesi ngokwakho.

Kucacile ke ngoku ukuba intando yethu ayikhululekanga. Asikhululekanga ukuba sizikhethele ukumamkela uYesu Krestu iNkosi abe nguMsindisi esonweni. Okuseneneni, endaweni yokuthi

intando yethu ikhululekile, eyona nyaniso kukuba ilawulwa zezinye izinto ilikhoboka lazo.

Iyintoni intando yethu? Intando ngamandla okukhetha phakathi kwenzinto ezimbini. Kodwa kubakho into esilawulayo ekukhetheni yenze ukuba sikhethe le okanye leya. Naxa abantu abaninzi besithi umntu ulawulwa yintando yakhe, iBhayibhile ifundisa ukuba yindalo yakhe yangaphakathi emlandelayo, imlawule. IBhayibhile ithi le ndalo yangaphakathi yintliziyo. Yintliziyo yethu, - indalo yangaphakathi - esikhokelayo. Ngoko ke xa umntu kufuneka akhethe, ukhetha loo nto ikholisa intliziyo yakhe. Ukuba umoni kufuneka akhethe phakathi kobomi obulungileyo, obungcwele, kwelinye icala, nobomi obunezono nokuzithanda, usuka akhethe ubomi besono. Ngoba? Ngenxa yokuba yeyonanto imkholisayo. Intliziyo yakhe - indalo yakhe engaphakathi - inezono. Khumbula, intando yomntu - amandla akhe okuzikhethela - ingaba loo nto ilawulwa yintliziyo yakhe enezono.

IziBhalo eziNgcwele zisifundisa ukuba iintliziyo zethu ngendalo zinezono. Zimchasile uThixo. Ngenxa yoku iintliziyo zethu zityekele ekwenzeni okungendawo. Intando yethu ilawulwa ziintliziyo zethu.

Ngenxa yokuba kungaze kubekho nto isinyanzelela esonweni, sithetha ngokuthi sinentando ekhululekileyo. Njengokuba singaboni, siyakhululeka ukwenze ngokuthanda. Ngenxa yokuba singaboni, into esithanda ukuyenze yileyo isisono. Yinto efana nokuthi umntu ephethe incwandi, asuke ayiyeke iwe. Incwadi ngoku ikhululekile kodwa iwa phantsi emhlabeni. Umntu lowa ebephethe incwadi akayinyanzelanga incwadi ukuba iye kuwa ebephethe incwadi akayinyanzelanga incwadi ukuba iye kuwa phantsi, iwile. Ngokunjalo akuze kubekho mntu onyanzela umntu ukuba one. Wona ngendalo ngenxa yokuba elawulwa yindalo efuna ukona. Uzik lethele ngokwakhe ukona ngenxa yokuba unendalo enesono.

Isono siyityhutyhe yonke indalo yomntu. Umntu ungumoni ngokupheleleyo. Oku sinokukuqonda njengenyaniso. Asingephiki nto ngalo mbandela wokungalungi komntu. Abantu abanakho ukuhlala ngokwaloo mgangatho bazimisele wona. Le nto ibonisa ukuba abantu ngendalo abanayo inkululeko, koko balawulwa sisono no Satana. Isono siwatyhutyhe onke amalungu omzimba wakho. Asifuni ukwenza intando kaThixo, singamthandi kanjalo. Isono sityhutyhe onke amalungu ethu - kwanentando yethu. Intando yethu ke ayikhululekanga. Nje ngawo onke amalungu omzimba wethu, nentando yethu ilawulwa sisono, ichasene nendalo kaThixo. Ngoko yimpazamo ukuthi umntu unakho ukukhetha ukuthanda uThixo amthobele, intando yethu ayifuni ukuthobela uThixo. Akuyiyo inene ukuba abantu ngoku mabenze eyabo indawo

ekuzisindiseni emva kokuba uThixo eyenzile eyakhe indawo. Umntu ofileyo akanakho ukuzisindisa. IziBhalo eziNgcwele zisixelela ukuba abantu bafile ngenxa yokungabi nantobeko, nangenxa yesono. NguThixo kuphela onokuguqula imvelo yethu enesono ukuze simthande Yena.

Sifundile ukuba uThixo ulawula yonke into. UThixo uYise wanyula abantu abathile ukuba mabasindiswe ezonweni zabo. UYesu Krestu wafa ukuze asindise aba bantu, uMoya Oyingcwele abanike ubomi ngokwasemoyeni. Ekusindiseni abantu bakhe, nasekulawuleni izinto zonke, uThixo usebenza ngokwenjongo yakhe ecwan cisiweyo. Umntu akanakuzikhethela ukuba asindiswe ngenxa yokuba indalo yakhe inesono ayikhethi okulungileyo. NguThixo yedwa onokwenza umntu afune ukusindiswa esonweni.

Mhlawumbi, wakuba usifundile esi sahluko, kukho imibuzo efikayo kuwe. Usenokumangaliswa kukuba amaKrestu azikhathaze ngokushumayela iindaba ezilungileyo zoSindiso, xa kanti abantu abanamandla okwamkela uKrestu abe nguMsindisi wabo. AmaKrestu azikhathazela ntoni na ngokuthandaza, xa ngaba uThixo seleyazi kade Yena into eza kwenzeka?

Okanye kungani ukuba amaKrestu azame ukuba ngabantu abalungileyo ukuba uThixo ubulawula ngokwakhe ubomi babo? Mhlawumbi ungade ucinge nokuba ayilunganga into yokuba uThixo akhethe kuphela abantu abathile amabasindiswe ezonweni zabo. Kwisahluko esilandelayo sakuzama ukuyiphendula le mibuze.

# ISAHLUKO 10

## UBUNGANGAMSHA BUKATHIXO NEMITHANDAZO YETHU

Kukho imibuzo efikayo ezingqondweni zabantu xa bacinga ngobungangamsha bukaThixo. Sithe abantu abanakho ukuzikhethela ukuba mabasindiswe ezonweni zabo. Kufuneka kuqala uThixo aguqule indalo yabo engaphakathi. Umbuzo wokuqala ke endiza kuwuphendula ngulo. Ukuba uThixo uguqula indalo yabantu, kungani ukuba amaKrestu azikhathaze ngokushumayela iindaba ezilungileyo zosindiso ezonweni? Sibonile ukuba abantu banezono kangangokuba abanakukhetha ukukholwa kuYesu Krestu. Kungani ke ukuba amaKrestu axelele abantu ukuba bakholwe? Kungokuba

amaKrestu ngokwawo ayathunywa nguThixo ngokwakhe ukuba ashumayele usindiso. Asishumayeli andaba ezilungileyo kuba sicinga ukuba abantu abanezono banamandla okwamkela uYesu Krestu njengoMsindisi wabo. Siyashumayela kuba sisazi ukuba uThixo usixelele ukuba sishumayele. Siyazi ukuba xa iindaba ezilungileyo zosindiso zishunyayelwe, uThixo woba ethetha kwabo baphumeleleyo. Abo bantu abanyulileyo uThixo banikwa ithuba lokukholwa. Inkolo yokuba uThixo uyalawula kwizinto zonke iluncedo olukhulu ukunceda kwiintshumayelo zobuKrestu. AmaKrestu ayazi ukuba icebo likaThixo lobungangamsha bakhe liyakwenzeka. AmaKrestu ayazi ukuba abantu abanyulileyo uThixo bayakuguquka xa besiva ngoYesu Krestu uMsindisi.

OKWESIBINI enye ingxaki onokuyixhalela, ukuba uThixo selenesigqibo ngento ezakwenzeka kwanokuba uThixo elawula yonke into, ngaba isekho na imfuneko yokuthandaza? Asinakho ukumenza uThixo ukuba ajike isigqibo sakhe. Selezenzile zonke izigqibo, ngokuqinisekileyo akukho xabiso ekuthandazeni. Impendulo ithi masiqonde ukuba umthandazo uyintonina. Abanye abantu bathi umthandazo yindlela kaThixo yokwenza ukuba indalo yethu izamele entweni. Kodwa iBhayibhile isixelela ekuhleni ukuba nguThixo yedwa owenza zonke izinto zenzeke. Ngoko ukucinga ukuba imithandazo inokwenza ukuba izinto zenzeke ayilunganga. Abanye abantu bathi imithandazo yindlela yokoyisela uThixo ukuba aguqule ingqondo yakhe. Kodwa nje ngokuba sesibonile, uThixo selegqibile ngento ezakwenzeka. Umthandazo asiyonto esinokuyisebenzisela ukuguqula iziganeko. Imithandazo yethu ayinakuguqula ijike ingqondo kaThixo.

Umthandazo wadalwa nguThixo ukuze simzukise ngawo. Umthandazo yindlela yokunqula uThixo. Umthandazo ubonisa ukuba sixhomekeke kuThixo ngento yonke esinayo. Umthandazo yindlela esimcela ngayo uThixo ukuba asisikelele. umthandazo usenza sibubone ubuncinci nobuthathaka bethu, xa sithelekiswa noThixo. Umthandazo unikelwa kubantu bakaThixo ukuba baMcele izinto abazisweleyo. Umthandazo awanzelwa ukujika into agqibe kuyo uThixo, endaweni yoko uThixo ugqibe ekubeni umthandazo mawube yenye yeendlela zokufezekisa izicwangciso zakhe. Ukushumayela iindaba ezilungileyo zosindiso ikwa yinxenye yecebo likaThixo lokusindisa abantu ezonweni zabo. Imithandazo yethu ikwa yinxenye yecebo likaThixo, ukuba thina ngokwethu sisindiswe.

Ngoko xa amaKrestu ethandaza, awathandazeli ukuguqula icebo likaThixo. Athandazela ukuba icebo likaThixo lifezeke. Ama- Krestu

anokuthandazela izinto ezithile ngasese kuba besazi ukuba zisesicwangcwiseni sikaThixo. Xa sixelela uThixo ngeemfuno zethu, siziyekela elugcinweni lukaThixo. Emthandazweni wethu, sicela uThixo ukuba iimfuno zethu azamkele ngokwe zicwangciso zakhe. Ngoko ke sifumana ukuba umthandazo eyona ngxam yawo luluvo - luluvo lokuziyaleza kuThixo. Wona umthandazo uchasene nokuxelela uThixo into amakanyenze. Umthandazo kukucela ukuba mayenzeke intando kaThixo. Oku kuyawuphendula umbuzo ongomthandazo. AmaKrestu athandazela izinto ezingqinelana nezigqibo zikaThixo. AmaKrestu athandazela izinto eziyinxenye yezicwangciso zikaThixo. AmaKrestu akathandazeli ukuguqula izicwangciso zikaThixo, koko ukuzamkela bezama ukubona intsikelelo kaThixo kuzo.

OKWESITHATHU, Mhlawumbi lo mbuzo wesibini unikhathazile. Ukuba uThixo wenze isigqibo ngento yonke eyenzekayo, kungani ukuba amaKrestu azikhathaze ngokwenza ubulungisa? Ukuba uThixo selegqibe ekubeni amaKrestu ayakuba ngabantu abalungileyo, asazikhathaza ngantoni amaKrestu ukwenza okulungileyo kwakhona? Masithi amaKrestu enza ubulungisa kuba uThixo efuna abe ngamalungisa. Kanti nale nto yokwazi ukuba uThixo ufuna amaKrestu abe ngamalungisa iyawanceda loo nto ekwenzeni ubulungisa. AmaKrestu ayaqonda ukuba uThixo unakho ukuwanika amandla okwenza okulungileyo. AmaKrestu anyanisekileyo ayazi ukuba wona ngokwawo awanawo amandla okwenza okulungileyo, nokwenza oko uThixo abaxelela kona. Phofu baynonda ukuba uTHixo, olawula zonke izinto, unakho ukubanika amandla khona ukuze babenakho ukumthobela Yena.

OKOKUGQIBELA, ungacinga ukuba kuyinto engalunganga nekhohlakeleyo ukuba uTHixo akhethe abantu abathile ayakubasindisa. Kodwa ke khumbula oku, ukuba uThixo ebengathandanga kunyula asindise abantu abathile, bekungayi kubakho mntu konke osindiswayo ezonweni zethu. UThixo akenzanga okungebulungisa ngokusindisa inxenye yabantu, aze angabakhethi abanye, kuba akukho mntu obengathi, yena ebenelungelo lokusindiswa. Usindiso kukulunga kukaThixo akwenze kubantu ababengalufanelanga. UThixo ubonise ubulungisa bakhe kubantu abathile ngokubona kwakhe okudlule konke. Thina singade sicinge ukuba okona kulungileyo kukuba abe uThixo ebesindise bonke abantu. Kodwa ke sinakho na thina ukwenza eso sigqibo? Asinakho thina ukwazi nokuqonda ngaloo ndlela uThixo abona aqonde ngayo. Iindlela zikaThixo azifani neendlela zethu.

Esingakuthethayo kunye qha kukuthi uThixo ubonise uthando lwakhe ekunyuleni nasekusindiseni abantu abaninzi esonweni, bantu abo abebengabufanelanga obo bulungisa. Ngoku mandinibuze umbuzo wokugqibela. Wena ungomnye wabantu abanyulileyo uThixo? Lukho ulangazelelo entliziyweni yakho ukuba ubengomnye wabantu bakaThixo?

### IZIQENDWANA ZEBHAYIBHILE

Ebhekisa kuYise uYesu wathi, "Ndilibonisile igama lakho kubo abantu obundinike bona bephuma ehlabathini, babengabakho, wabanika mna. Ndiyabathandazela. Andithandazeli lona ihlabathi, kodwa ndithandazela abo undinike bona ngokuba bengabakho".

*Yohane 17:6-9*

Amandla akhe obuThixo asiphile zonke izinto ezisingise ebomini nasebuthixweni. *2 Petros 1:3*

Kuba thina singumsebenzi wakhe, sidalelwe kuKrestu uYesu, ukuze senze imisebenzi elungileyo awayilungisayo uThixo ngexa elingaphambili, ukuze sihambe kuyo. *Efese 2:10*

Sigcinwe ngamandla kaThixo, ngokholo, sigcinelwe uSindiso olulungiselelwe ukutyhilwa ngexesha lokugqibela. *1 Petros 1:5*

Wathi u-Eli, "NguYehova", makenze oko kulungileyo emehlweni akhe. *1 Samuweli 3:18*

Wesuka uYobhi, wayikrazula ingubo yakhe yokwaleka, wayicheba intloko yakhe, wawa emhlabeni, waqubuda wathi, "Ndeza ndize elizweni, Ndaphuma ndize esizalweni sikama, ndiyakubuyela kwakuso ndikwaze. UYehova wanika, ikwanguye othabathileyo, igama likaYehova malibongwe." *Yobhi 1:20-21*

# ISAHLUKO 11

## AMALUNGELO OBUNGANGAMSHA BUKATHIXO

Mandinikhumbuze ngoko sesikufundile ukuza kuthi ga ngoku. UThixo ulawula yonke into. Ulawula into yonke ngobukhulu nobungangamsha. UThixo ulawula nezinto ezingaphiliyo, kwane-

zinobomi, abantu neengelosi. UThixo onguYise unyule abantu bakhe kwizizukulwana zonke, kwiintlanga zonke, unyule abaya kusindiswa ezonweni zabo. UYesu wafa emnqamlezweni ukuze asi- ndise abo bantu, ukuze uMoya Oyingcwele anike ubomi bomoya kwabo bantu abanyuliweyo nguThixo. UThixo usebenza ngokwezi- cwangciso zakhe ekusindiseni abantu bakhe nasekulawuleni zonke izinto. Sifunde kanjalo ukuba intando yomntu ngokwemvelo inobubi, ayikukhethi okulungileyo. NguThixo kuphela onokumenza umntu afune usindiso ezonweni, ngokuba nguThixo kuphela onamandia kuzo zonke izinto. UThixo unobungangamsha, Mkhulu ungukumkani. Kuphela kwakhe onguThixo.

Mhlawumbi umangalisiwe kukuba ezi ngongoma sicinge ukuba zibalulekile. Kwenza mahluko mni kuthi oku, ukuba siyakholwa ukuba uThixo unamagunya apheleleyo kuzo zonke izinto?

OKOKUQALA, ukuba siyakholwa ukuba uThixo ulawula zonke izinto, makube siyamqonda kakuhle ukuba uThixo unjanina. Sibona ukuba uThixo owenze zonke izinto, uyazilawula zonke izinto. Siphawula kwakhona ukuba sifanelwe kukuzilahlela kuYe. Asingeyiqondi yonke into uThixo ayenzileyo, kodwa siyazi ukuba akukho mntu unakho ukuphikisa intando yakhe. Siyazi ukuba ubonise ubulungisa bakhe kubantu abaninzi abangafanelekanga. Ngoko xa sicinga ngecebo likaThixo lokusindisa, sibona ubukhulu namandla akhe.

OKWESIBINI, sikholwa ukuba uThixo ulawula into yonke, oko kusinika amandla ogqobhoko. Asinakuba nokholo olupheleleyo de siqonde ubukhulu bukaThixo. Sakuba sibubona ubukhulu bukaThixo, sakuqala siyifumane imfuneko yokumthobela nokuzinikela kuYe. Sakunqwenela ukuthandaza ngokwentando yaKhe, size yonke into siyenzele udumo Lwakhe.

OKWESITHATHU, ukukholwa ukuba uThixo ulawula yonke into kuyakusifundisa ukuba asinamandla okwenza nantoni na yokuzisindisa ngokwethu ezonweni zethu. Asikuba uThixo wenze eyakhe indawo waza wayekela kuthi senze eyethu, kuba thina asinakho ukuzisindisa.

Ngendalo thina sityekele esonweni nasekwenzeni okungalunganga. Asifuni kuzinikela kuThixo konke. NguThixo yedwa onamandla okulawula zonke izinto, asenze ukuba sizinikele kuYe. Asinakwenza nto yokuzisindisa. Le nto inokusikhokelela ekubeni soyike sixhalele ukuba asisayi kusindiswa. Olo loyiko lusenokuzala ubuhle xa lusikhokelele ekubeni asinakuzithemba, saye singena kuzisindisa. Xa siqonda ukuba asinakuzisindisa sakuqala sikulungele ukucela uThixo ukuba asincede.

OKWESINE, ukukholwa kuThixo ukuba ulawula zonke izinto kusifundisa ukuba asinakwenza nto ukuzisindisa ngokwethu ezonweni zethu. Kusifundisa ukuziqonda ubuthathaka bethu, nobudenge nokuba bancinci kwethu. Sibona ubukhulu, ukomelela nobulumko bukaThixo. Sihleli kwihlabathi apho abantu basoloko bebona ubukhulu bezinto ezenziwa ngabantu. Baqhayisa, bezingca ngezinto eziguqulwe ngabantu. Kanti ukuba sithe sakhumbula ukuba yonke into ilawulwa nguThixo, ziyajika iingqondo zethu, sicinge ngolunye uhlobo. Sifumana ukuba nguThixo kuphela onakho ukusindisa aboni ezonweni. Siyaqonda ukuba abantu abanakwenzantonto ukuncedisa uThixo kumsebenzi wokusindisa abantu. Ngeso sizathu siba nokumdumisa uThixo ngomsebenzi wakhe wokusebenza usindiso kwabo banyuliweyo.

OKWESIHLANU, ngolwazi lokuba uThixo ulawula konke sibanokuzifumana sikhuselekile. Kuba xa sithembele kuThixo olawula konke, akukho nto sinokuyoyika konke. Naxa siselusizini, siyazi ukuba uThixo ukhona waye enobulumko, namandla, nokulunga. UThixo unobulumko kangangokuba angabi nakwenza mpazamo. UThixo unothando kangangokuba akanakusivisa buhlungu engebubo obokusilungisa eku qibeleni. Naxa sisebuhlungwini sisasoloko siselukhuselweni lwakhe ukuba sithembele kuThixo olawula yonke into.

OKWESITHANDATHU, xa sikholwa ukuba uThixo ulawula zonke izinto sakuyamkela ngovuyo nantonina uThixo asithumelela yona. Asiyikukwamkela okuza kuthi ngokucinga ukuba masilungise nto ngayo thina. Ukuba siyathemba ukuba konke asithumela kona uThixo wenzela ukulungelwa kwethu - nokuba thina asiqondi ukuba kuyakuba njanina.

OKWESIXHENXE, ukukholwa ukuba uThixo ulawula zonke izinto kusikhokelela ekumdumiseni uThixo simbonge. Ukuba uThixo usinyule wasisindisa, wasilondoloza ngokulunga kwakhe kwada kwaba yile yure - siyakumbonga ngako konke akuko, nangenxa yako konke akwenzileyo, esenzela thina.

OKWESIBHOZO, ukwazi nokukholwa ekubeni uThixo ulawula konke kusenza siqiniseke ukuba ngenye imini ubulungisa buyakuboyisa ububi. Okwanamhlanje singade sicinge ukuba ububi bunamandla kunobulungisa. Namahianje singade sicinge ukuba uSathana unamandla kunoThixo. Kanti ukuba siyakholwa ukuba uThixo ulawula yonke into, siyazi ukuba uSathana uyakoyiswa isiphetho. Ngenye imini kuyakucaca ukuba uThixo ungaphezulu kuwo onke amandla okungendawo. Ngenye imini wonke umntu uyakubona ngokucacileyo ukuba uThixo unobungangamsha.

OKOKUGQIBELA, ukukholwa ukuba uThixo ulawula konke kusinika uxolo olungaphakathi. Ukuba siyamthemba uThixo asikumthemba kuphela suba umkhulu, kodwa ngenxa yokuba uThixo, ngoYesu Krestu, weza ehlabathini ukuza kusindisa abantu bakhe ezonweni zabo. Onke amaKrestu anyanisekileyo acinga ukuba uThixo olawula yonke indalo, ikwanguye olawula ezintliziyweni zawo, anoxolo olufezekileyo. Kuba lo Thixo unokuthenjwa ngokupheleleyo, unobulumko obungena kuphazama. Unamandla angenakoyiswa nto. Waye unobulungisa, akanakwenza okungalunganga. Ukuba ke lo Thixo unguThixo wakho, yazi ukuba ukhuselekile ngokupheleleyo mhlobo wam.

# ISAHLUKO 12
## INDLELA EMASIZIPHATHE NGAYO NGOKU

UThixo ulawula yonke into. UThixo usebenza ngokwezicwangciso zakhe ezimisiweyo ekusindiseni abantu bakhe nasekulawuleni zonke izinto. Ngenxa yokuba intando yomntu ingalunganga ngendalo, akayikumkhetha uThixo. NguThixo kuphela onokwenza ukuba umntu afune ukusindiswa ezonweni. UThixo unamandla apheleleyo kuzo zonke izinto. Unobungangamsha, unguThixo ongukumkani UnguThixo. Ukuba uyakholwa ukuba uThixo uyilento ichaziweyo, ufanele ukuthini ke?

OKOKUQALA, njengoko elawula yonke into, sifanele ukumoyika. Ukoyika uThixo kuthetha: Ukukhumbula ubukhulu, ubungcwele namandla Akhe. Ukukhumbula ubucinci bethu, izono zethu nobuthathaka bethu. Ukwenza intando Yakhe sikholwe kuko konke akuthethayo. Ukumthobela, sikhumbule ubuncinci bethu nobuthathaka bethu, kwanendlela esixhomekeke ngayo kuYe ngazo zonke izinto. Ngoko ke sifuna ukumthobela. IBhayibhile ifundisa abantu oko kufunwa nguThixo bakwenze. Ngoko ke siyakuziqonda ukuba sifanele ukuzithabela izinto azithethileyo uThixo.

OKWESIBINI, njengoko uThixo elawula yonke into, simelwe kukuyamkela yonke into eyehlayo kuthi. Maxa wambi sifuna

ukukhalaza xa singazifumani izinto esizifunayo. Singathi maxa wambi sicinge ukuba sizifanele izinto ezithile. Singacinga maxa wambi ukuba sifanele ukuba nempumelelo nokonwaba. Kodwa ukuba singamaKrestu anyanisekileyo, siyazi ukuba uThixo akayikusohlwaya ngokufanele izono zethu. AmaKrestu enene ayakukuqonda oku ukuba uThixo uthe endaweni yokusohlwaya, sabona esenzela ubulungisa ebesingabufanelanga. Ukuba siyakholwa ukuba uThixo ulawula konke siyabona ke ngoko, ukuba ukwanalo ilungelo lokuba enze ngokwentando yaKhe. Ukuba ke sehlelwa zizinto esingazithandiyo, masizamkele ezi zinto, sisazi ukuba zivela kuThixo ngokwakhe, zaye zisenzeka ilungelo lethu.

OKWESITHATHU, njengoko elawula yonke into, simelwe kukusoloko sibulela kuYe. Singathi sithakazelele ukumbulela uThixo xa izinto zisenzeka njengoko sinqwena. Kanti naxa zingahambi kakuhle izinto simelwe nangoko ukumbulela uThixo, sizamkela ezo zinto. Simelwe kukumbulela uThixo naxa amaxesha enzima, kuba xa singamaKrestu, athembekileyo, anyanisekileyo, siyakholwa ukuba uThixo wasinyula wasithanda, ngoko yonke into eyehla kuthi ihamba ngokwentando yaKhe.

Ukuba singamaKrestu ngokwenene, sifanele ukulandela umzekelo keYesu Krestu. Ngaba niyayiqonda indlela uYesu Krestu awamoyika wamthobela ngayo uThixo, indlela awayamkela ngayo intando kaThixo, esoloko embulela uThixo ngamaxesha onke? KwiTestamente eNtsha sifunda ukuba uYesu wayemnqula uThixo ngamaxesha onke, nokuba wathi akulingwa nguSathana uYesu wamxelela uSathana ukuba nguThixo kuphela omakanqulwe njengoko yatshoyo iTestamente eNdala. Yonke iTestamente eNtsha ifundisa ukuba uYesu wayemthobele uThixo. Wada wayakubethelelwa eMnqamlezweni efela izono zabantu abanyuliweyo nguThixo. Sibona indlela uYesu awayamkela ngayo intando kaThixo. Wamcela uThixo ukuba ayisuse kuYe lembandezelo (Le Ndebe), kodwa waleka nelizwi elithi, “Makungabi ngokuthanda kwaM, koko ibe yeyakho intando”. Khangela nend_ela uYesu awayembulela ngayo uThixo. Uthe naxa abantu abathile ababeyibonile imimangaliso awayenzayo bengazange bakholwe baguquke kuThixo, uYesu wambulela uThixo noko kunjalo. Funda kuLuka 10:21 kuba wabona ukuba baninzi kwabo uThixo abanyuliweyo baza bona bakholwa. UYesu wayemoyika uThixo abanyuliweyo baza bona bakholwa. UYesu wayemoyika uThixo, waMthobela, wayamkela intando Yakhe ebulela ngamaxesha onke. Ngokuqinisekileyo, ngoko, ukuba singamakholwa anyanisekileyo amlandelayo uYesu, sifanele ukuba njengaYe.

ELOKUPHETHA, njengoko uThixo elawula yonke into simelwe kukumnqula! UThixo ulawula zonke izinto, kodwa amandla akhe uwasebenzisa ngobulumko ecingela abantu bakhe. Ngenxa yokuba uThixo elumke mpela akanakwenza mpazamo, ngokuba uThixo uNgcwele, akakwenzi okungalunganga. Ukuba besisazi kuphela nje ukuba intando kaThixo ayinakuguqulwa, besiyakumoyika. Siyavuya kuba siyazi ukuba le ntando Yakhe ingaluqikiyo iyintando elungileyo n okupheleleyo. Injongo kaThixo, eku awuleni yonke into, kukuba A onakalise ubungcwele, ukulunga nenyaniso. Phezu kokuba sibona izinto elizweni, uThixo yena usebenzisa intando yakhe. Akayisebenzisi kuphela bekho abantu ababi, kwanoSathana, koko ude ayisebenzise ngabo kanye. Akukho bani unakho ukuma phambi kwentando kaThixo. UThixo ulawula lonke ihlabathi nako konke okukulo ukuze kuzukiswe yena. UThixo unqwenela ukubonisa ubulungisa bakhe nobungcwele nenyaniso yakhe, yinjongo leyo asibonisa yona uThixo. Unyule inani elikhulu labantu amabasindiswe ezonweni zabo. UYesu wafa ukuze kusindiswe abo bantu, ukuze wona uMoya Oyingcwele ubanike aba bantu ubomi obutsha bomoya. Ukubonisa uzuko Lwakhe, uThixo uguqula izimo ezikhohlakeleyo zabantu abanyulileyo. Baguqukela kuYe bafunde ukuMthanda.

Kulo lonke ihlabathi lo msebenzi kaThixo ongummangaliso uyaqhubeka. Abaninzi abaya kuwafunda la mazwi ngabo uThixo Ababizileyo ukuba babengabaKhe. Ubaguqule, wabanika ubomi obutsha ukuze babe ngabaKhe. Ukuba ufuna lo Thixo abe nguThixo wakho, yiya kuYe ngomthandazo. Uthembise ukuba akayikuze agxothe namnye oza kuYe. Kuyinene akayikuze amgxothe. NguYe ngokwakhe owenze ukuba bafune ukuza kuYe!

Zonke izinto zenziwa nguThixo, zaye zonke izinto zilawulwa nguThixo, zaye zonke izinto zisebenza ngokwesicwangciso sikaThixo. Zonke izinto zibonisa uzuko lukaThixo. Zoda ziphele zonke izinto, asale loThixo onobungangamsha obunaphakade enqulwa, ebongwa ngako konke ukulunga kwakhe nobungcwele. Masimbonge simnqule uThixo wethu oyingangamsha, onamandla onke, ngoku.

“Thixo Omkhulu, hayi ubungangamela bakho: Hayi ubuthathaka nokuba yimibungu kwethu, Maziwe ngamadolo ziqubude zonke izidalwa Sifune ukusindiswa kuWe kaloku nje. Unaphakade, nayo yonke iminyaka yakhe Umi, soloko ekho phambi kobuso bakho, Kuwe akukho nto indala ngenkangeleko. Thixo Omkhulu: kuwe akungebikho nto intsha. Ubomi bethu ngeendlela ngeendlela buyatsalwa, Bukhathazwa ziinto ezimbi neenkathazo ezingento;

Kanti Wena iingcinga zakho ezingunaphakade ziqhubela phambili imicimbi yakho emiyo engaphazanyiswayo".

